

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*






*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Kudala-dala uMama Dada wayehlala nosapho lwakhe efama. UMama Dada uhleli phezu kwamaqanda asixhenxe alindele ukuba aqandusele.



Ngoku lixesha lokuba amaqanda am aqandusele. Ndingxame kakhulu ndifuna ukubona amantshontsho am asixhenxe.



Nganye nganye aqhekeka amaqanda avuleka onke ngaphandle kwelinye elikhulu kakhulu.

"Molo! Mna ndinguNana," litshilo intshontsho lokuqala.

"Mna ndinguTshepo", litshilo intshontsho elitsha elilandelayo.

"Mna ndinguZaza." "Mna ndinguMantuse," atshilo amanye amabini. "Likhulu kangakanani ihlabathi?" akroba amantshontsho edada amancinci.

Inoba liya kuqandusela nini eli qanda likhulu. Inoba liya kukhangeleka njani intshontsho lam lokugqibela.



UMama Dada wahlala, wahlala phezu kweqanda elikhulu. Ilanga liyatshona kwaye akubonakali kusenzeka nto.

Ekugqibeleni iqanda elikhulu laqhekeka, lavuleka. Laphuma litsiba intshontsho lokugqibela.

Lalilikhulu futhi lomelele kodwa lingafani namanye amantshontsho amatsha aqanduselweyo.



Heke! Ndide ndaphuma.
Ihlabathi elikhulu
kangaka!



Kwintsasa elandelayo,
uMama Dada uthathe onke
amantshontsho akhe
waya nawo edamini.

"Jonga elaa dada lokugqibela!
Aliqhelekanga ela ntshontsho!"
lakhwaza latsho ihashe.

"Ha ha ha! Khawujonge ukuba libi
kwalo," yahleka inkomo.



Khawulezani bantwana,
siza kudada.




Ngokukhawuleza, amantshontsho edada amancinci atsibela emanzini. Adada, agxampuza, etshona evela emanzini.



Okothusayo kukuba intshontsho ledada elibi lidada ngcono kunawo onke amanye.





Intshontsho ledada elibi alonwabanga kwaphela kukuhlala efama. Ezinye izilwanyana zihlekisa ngalo. Iinkuku ziyalixhola, izinja ziyalikhonkotha. "Ziyandoyika kuba ndimbi," latsho njalo.

Ngabusuku buthile,
intshontsho ledada lagqiba
ekubeni limke. "Ndigezelwa
ngumntu wonke. Ndiyahamba
apha," latsho njalo.



Intshontsho ledada lahamba laya ngasemlanjeni apho labona khona iintaka ezinkulu ezintle zidada. Iintsiba zazo zigudile, zintle. Zineentamo ezinde. Amaphiko azo abhabhazela ngokupholileyo xa zibhabha.

"Akwaba bendinokudlala nazo. Zintle kakhulu. Mna ndimbi ndinje," latsho kalusizi intshontsho ledada.





Kwaqalisa ukuwa ikhephu, into yonke yamhlophe qhwa. Kwabanda kakhulu nomlambo wajika waba ngumkhenkce. Intshontsho ledada laligodola futhi lingonwabanga. "Kufuneka ndizimele," latsho intshontsho ledada.



....Kwafika iNtwasahlobo. Ilanga laphuma kwakhona, imithi idlamkile iluhlaza.

Ngenye intsasa intshontsho ledada lazihambela lisiya ngasemlanjeni laze labona oontamonde bamadada abahle kwakhona.



Labukela oontamonde laze laziva lilusizi kakhulu. Laqala lalila. "Andisembi ngako kwaye ndindedwa. Andinabahlobo."



Lisalila njalo lajonga ezantsi ngaphaya kweenyembezi zalo laze labona isithunzi salo emanzini.

"Ingaba ndim lo?" lazibuza.


"Ndinguntamonde!"

Kwangelo thuba, kwadlula amanye amadada angoontamonde edada ngondiliseko. Alibiza intshontsho ledada elibi ukuba lizodada kunye nawo.

Intshontsho ledada latsibela emanzini. Laziva lonwabe kakhulu phakathi kwabanye oontamonde abahle.



Yiza uzodada kunye nathi. Ulidada elinguntamonde njengathi! Ulelona dada linguntamonde lakhe lalihle kuwo onke amadada angoontamonde.



# Imisebenzi yokufunda yamaqela



**1** Thetha malunga nebali.

a. Ulithandile ibali? Nika isizathu sempendulo yakho.
b. Amaqanda aqanduselwe ngeliphi ixesha lonyaka? Kutheni usitsho njalo?
c. Ucinga ukuba intshontsho ledada elibi lalilibi ngenene?



**2** Gqibezela le misebenzi.

a. Khangela amagama anezi zandi zilandelayo uze uwabhale phantsi: d, hl, q, ntsh, dl, kh, ny, nd, nt, nc, bh, ntl, ntw, nkc, ngc, ee.

b. Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo kwixesha elidlulileyo.

| |
|---|
| Ngoku lixesha lokuba amaqanda am aqandusele. |
| Ulidada elinguntamonde njengathi! |

c. Fakela iziphumlisi kwezi zivakalisi.


. , ? ! " "

| |
|---|
| Molo mna ndinguTshepo |
| ha ha ha jonga elaa dada lingaqhelekanga yatsho inkomo |
| uyintoni ulidada okanye irhanisi |

d. Bhala isiphelo esitsha sebali ngezivakalisi ezine ukuya kwezihlanu. Zoba umfanekiso ohambelana nesiphelo esitsha.



3 Sebenza nomhlobo wakho. Jonga imifanekiso emibini. Khangela ukuba zingaphi izinto ezohlukileyo ozibonayo.






4 Ngqamanisa ezi zilwanyana zilandelayo kunye nabantwana bazo:

| | |
|---|---|
| idada | intshontsho lehagu |
| ihagu | intshontsho ledada |
| inkomo | intshontsho lenkuku |
| inja | itakane |
| ikati | injana |
| igusha | ikatana |
| irhanisi | intshontsho lerhanisi |
| inkuku | intshontsho lerhanisi |



5 Funda ipowusta uze uxoxe ngayo kunye nomhlobo wakho.

# Amalungelo abantwana

Abantwana abaninzi abahoywanga, baphathwa gadalala, bayantlontwa futhi bayonyeliswa. Nabani na ongawahloneliyo amalungelo akho waphula umthetho.



Bonke abantwana banelungelo lothando, ukuqonda kunye nenkathalelo.
Banelungelo lemfundo, lokudlala nelokuzibandakanya kwizinto zolonwabo.
Banelungelo lokuba batye kwaye babe nendawo yokuhlala, baphathwe kakuhle.
Banelungelo kwinkathalelo yempilo nokhuselo ekuphathweni gadalala nokungahoywa.
Banelungelo lokuhlala kwindawo ecocekileyo.

# IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 2

## Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Intshontsho ledada elibi |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Inqanaba 2 Incwadi 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | -bamba, -cinga, njani, kangakanani, oku, okuya, kuzile, nini |
| Isigama: | ukuloba, okungalindelwanga, uvuyo, ukuphosa, bamba, isithiyeli, -misa, engeyonene, ngomonde, tsala |
| Izandi: | ts-, th-, ph-, hl-, ntl-, q-, ndl-, mb-, ndl-, nt- |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Bhala amagama kwisichazi-magama sakho.<br>▪ Bhala kwakhona izivakalisi kwixesha langoku.<br>▪ Phawula uze ulungise iimpazamo kwiziphumlisi.<br>▪ Buza uze uphendule imibuzo kwisicatshulwa.<br>▪ Bhala isiphelo esitsha sebali.<br>▪ Zoba umfanekiso wesiphelo esitsha. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2616-1
9 781431 526161

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2616-1

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**Author: V McKay**

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga